basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2011

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha asi-7.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathana emide (30)
   ICANDELO C: Imihlathana emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.

3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga/umzobo/imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundisisa uwuhlele. Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKHELE isincoko.

6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca kuyilo ngalunye.

7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:

   ICANDELO A: imizuzu engama-80
   ICANDELO B: imizuzu engama-40
   ICANDELO C: imizuzu engama-30

8 Nombola iimpendulo ngendlela izihloko ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esifanelekileyo.

   QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko/kumhlathana.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-390 kwisincoko ngasinye.

UMBUZO 1

1.1 Ekunyamezeleni kukho umvuzo. **[50]**

1.2 Izinto ezibalulekileyo ezinokwenziwa ngumfundi webanga le-12 ukuze aphumelele emagqabini. **[50]**

1.3 Ukulunga nokungalungi kokugcinwa kwabafundi abakhulelweyo nabakhulelisi ezikolweni. **[50]**

1.4 Umonakalo odalwa zizandyondyo zeemvula. **[50]**

1.5 Xa ndinokuba lipolisa kwindawo endihlala kuyo. **[50]**

1.6 Litshintshile nje ilizwe, ingxaki yimali. **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi uze ubhale isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[50]

1.7.2

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

UMBUZO 2

2.1 ILETA YOBURHULUMENTE

Ulahlekelwe yinja yakowenu eniyithandayo ngomhla wesi-5 kuNovemba walo nyaka. Bhala ileta eya kumphathi wesitishi samapolisa umxelele.Yichaze inkangeleko yayo kangangoko unako ukuze ukwazi ukuyifumana. Thembisa ngembuyekezo koyifumeneyo. **[30]**

2.2 INTETHO

Njengosihlalo wequmrhu labafundi i(RCL) konyulwe wena ukuba wenze intetho kubafundi besikolo ofunda kuso, ubalumkise ukwabacebisa ngoncedo nangobungozi bokusetyenziswa kweselula-fowuni ezikolweni. **[30]**

2.3 INCOKO YABABINI

Unina wentombi uyibona iyinkcitha-xesha into yokufundiswa komntwana oyintombazana ngelixa intombi yona iyibona iyinto ebaluleke kakhulu. Bhala incoko ephakathi kwesi sibini. **[30]**

2.4 ILETA YESICELO SOMSEBENZI NESIVI

Imvo Zabantu, LwesiHlanu, eyeThupha 26, 2011

ISITHUBA SOMSEBENZI!!!

ISebe: LezeMfundo eNgqeleni
Isikhundla: Umabhalana **Inombolo yomsebenzi:** E27/2011

Umvuzo wonyaka: R120 000

Iinkcukacha ezilindelekileyo: Amava ngomsebenzi iminyaka emi-3; ulwazi oluphangaleleyo ngekhompyutha.

Iziqinisekiso: Ibanga le-12 nediploma kwezekhompyutha.

Thumela isicelo sakho ngeposi kule dilesi:
Intloko kwiSebe lezeMfundo
54 Madlingosi Street
Malungeni
5100

Esithunyelwe ngefekisi nesifike emva kwexesha elibekiweyo asiyi kwamkeleka.

Umhla wokugqibela wokungenisa: **10 KweyoMnga 2011**

Nasi isithuba somsebenzi wokuba ngumabhalana sipapashwe kwiphephandaba 'Imvo Zabantu' zomhla wama-26 kweyeThupha 2011. Bhala ileta yesicelo salo msebenzi ikhatshwe yisivi yakho ekuthengisayo. Qamela ngeengongoma eziphambili kwisivi, nomxholo weleta uhambelane neemfuno zesicelo. **[30]**

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha umhlathana ube mNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

UMBUZO 3

3.1 IPOWUSTA

Bhala ipowusta ubhengeze ikonsati yomculo wevangeli eza kubanjelwa kwiholo yoluntu kwindawo ohlala kuyo. **[20]**

3.2 UNGENISO KWIDAYARI

Ngenisa kwidayari yakho izinto ocinga ukuzenza ngokomsebenzi wakho wesikolo ukususela ngoMvulo ukuya ngolwesiHlanu. **[20]**

3.3 IZALATHISO

Umhlobo wakho uza kube eqala ngqa ukutyelela isikolo sakho, iVukani. Sebenzisa le mephu ingezantsi ukumalathisa indlela esuka esikhululweni sebhasi esinga/eya esikolweni. **[20]**



AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100